# UNCEDO OLUNGOKULUNGELA UBUSIKA OLUJOLISWE KWIMIBUTHO

ISixeko saseKapa siyabuhlonipha ubunzima abajongene nabo abantu abahlala esitratweni. Kwiinzame saso ukucutha inani labantu abahlala esitratweni, iSixeko siyayixhasa imibutho engenanjongo zokwenza inzuzo (NPO'S) nembutho engokuxhamla koluntu (PBO's), ngokuthi simisele imithombo yazo esele ikhona.

Ngokuthi sisebenzise iNkqubo yaso engokuLungela uBusika, iSixeko sithi sixhase imibutho ukwandisa izixhobo zabo zokulala, ingakumbi ngexesha elinzima leenyanga zasebusika. Inkqubo le iyakuthi imiselwe phakathi kowama29 kuTshaziimpuzi (Epreli) ukuya kowama31 kweyeDwarha (Okthobha 2024 ngokuthi kubonelele/kunikezelwe ngeematrasi, iimathiriyeli ecocekileyo, iingubo zokulala, iipakethe zococeko neentlobo zezidlo ezingekaphekwa. Imibutho engamahlakani ethu akulindelekanga ukuba idale okanye ibonelele nangayo nayiphina indawo yokufaka intloko esisigxina.

Iifomu zokwenza isicelo ziyafumaneka kwa www.capetown.gov.za/readyforwinter. Nceda ungenise ifomu egcwalisiweyo ku Lorraine.Frost@capetown.gov.za ngentsimbi ye16:00 ngoLwesine we8 kweyoKwindla (Matshi) 2024.

**Ummiselo**

Imibutho ethabatha inxaxheba, kufuneka:

- Ibe ibhalisile njengeeNPO okanye iPBO
- Ibenezakheko ezisele zimisiwe ukuze bangenise abaxumi kwaye baphendule iimfuno zabo ngokuthi basebenzise iinkqubo zophuhliso
- Bathobele imimiselo ekwaPopulation Certificate
- Bathobele yonke imigaqo engezempilo nokhuseleko
- Bavumelane nohlolo kwisiza oluyakuthi luqhutywe ngamaSebe elezoCim'omlilo nelezoKhuseleko eSixeko, elezeMpilo yokuSingqongileyo kunye neSebe loPhuculo lweNtlalo noPhuculo labantwana abaselula (ECD), apho luyakuthi luqhutywe ngaphambi kokuba kunikezelwe isiphumezo soko.
- Babenaso isicwangciso (iplani) solwakhiwo esiphunyeziweyo
- Bangenise iplani eluyilo engomgangatho olungiselelwe ezo ndawo zokulala ezongezelelweyo ezizezo kwenziwa isicelo sazo
- Babenesatifikethi sokwamkeleka esijolise kwiZakhiwo zokuTya

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA17/2024**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**